WESTERN CAPE
LIQUOR AUTHORITY

# ISAZISO ESIBALULEKILEYO

## ISIMEMO SOKUTYUNJWA KWELUNGU LEBHODI ELAWULAYO YEGUNYA LOTYWALA ENTSHONA KOLONI

IGunya loTywala eNtshona Koloni ("i-WCLA") lisekwe licandelo 2 loMthetho woTywala weNtshona Koloni, 2008 (uMthetho 4 ka-2008) ("uMthetho"). Kukho isithuba kwibhodi yolawulo ("iBhodi") yeWCLA somntu ohlangabezana neemfuno ezichazwe ngezantsi. Kumenywa abantu abanomdla ukuba batyumbe umgqatswa abathi ngokoluvo lwabo ufanele ukonyulwa njengelungu leBhodi. Isimemo esifanayo sokutyumba sasipapashiwe phantsi kweSaziso sePhondo 85/2021 of 03 EyoMsintsi 2021 kwaye sinokujongwa kule webhusayithi
**https://www.westerncape.gov.za/dept/community-safety.**

Uxanduva lwelungu lubandakanya ukuya nokuthatha inxaxheba kwiintlanganiso zeBhodi kunye nayo nayiphi na eminye imisebenzi enikezwe kuMthetho kunye neminye imithetho efanelekileyo.

**Abatyunjiweyo mabafezekise ezi ndlela zilandelayo:**

(a) abe neminyaka engama-25 ubuncinci;
(b) abe ngummi woMzantsi Afrika kwaye abe uhlala ngokusisigxina eNtshona Koloni;
(c) angathinteleki ngokwecandelo lesi-5 loMthetho; okanye ekubeni aqhashwe njengelungu leBhodi; kwaye
(d) abenolwazi olufanelekileyo okanye amava kwiinkqubo zokuqinisekisa ukuphendula ngendlela eyiyo, ubulungisa kunye nokungafihlisi ekuqhubeni kweshishini lombutho.

Onke amagama abatyunjiweyo kufuneka abeke izizathu zokuba lowo utyunjiweyo azibone elungele ukunyulwa njengelungu leBhodi kwaye kufuneka zihambe kunye nolona lwazi luphambili lwezifundo lwalo mntu utyunjiweyo.

Onke amagama abatyunjiweyo kufuneka angeniswe ngokubhaliweyo ngohlobo lweFomu yoku-1 kwiSihlomelo sesi-3 seMigaqo yoTywala yeNtshona Koloni, 2011. Iifomu zokutyumba zinokufumaneka ngesicelo kuNks. G Lutz kule imeyile **Gillian.Lutz@westerncape.gov.za** okanye kwiwebhusayithi **https://www.wcla.gov.za/vacancies.**

Amagama afunyenweyo wabantu abatyunjilwe ukuba ngamalungu okusebenza kwiBhodi ngokuphendula kwisimemo sokutyumba esasipapashwe kwiSaziso sePhondo 49/2021 in kwiGazethi yePhondo 8433 yangomhla wama-28 kuCanzibe 2021 abathe bahlangaezana neemfuno ekubhekiswa kuzo kumqolo 4 weso Saziso aza kuqwalaselwa kwinkqubo yokwanyelwa kwesi sithuba.

Unyulo luyakuqwalasela amalungelo eentlanga zonke nesini ngokulinganayo. Amalungu eBhodi anyulwa okwethutyana ixesha elimiselweyo nguMphathiswa wePhondo woKhuseleko loLuntu elinokuthi lingadluli kwiminyaka emine.

Onke amagama abatyunjiweyo kufuneka angeniswe ngentsimbi okanye ngaphambi **kwentsimbi-12: 00 5 EyeDwarha 2021**

(a) ngeposi kuNks. G Lutz • PO Box 5346, Cape Town 8000;
(b) nge-imeyile ku: Gillian.Lutz@westerncape.gov.za (Phawula ibhokisi yesihloko ngokucacileyo njengethi: WCLA NOMINATION FORM);
(c) ngefeksi ku: 021 483 6412; okanye
(d) uyise ngesandla: INtloko yeSebe loKhuseleko loLuntu, Kulwamkelo, UMgangatho oseZantsi, 35 iSitalo iWale, EKapa.

Imibuzo inokwenziwa kuNks. G Lutz:
**Inombolo yomnxeba:** 021 483 2954; okanye
**I-imeyile:** Gillian.Lutz@westerncape.gov.za.

Onke amagama abatyunjiweyo aya kuphathwa ngokufihlakeleyo ngokungqongqo.